# Hosanna! Cibi Elino Mnqwazi Ngapezulu!!

## (Xmas.)

YIMBONGIKAZI NONTSIZI MGQWETTO

Ndiza kuzongoma ndibuyelela
Ndinguyawavela bati yavela
Into efungwa nangosebeleni
Zigqutshe ne Nkosi zidlob' enkundleni

Utinina namhla kufa namb' enkulu
Namhla woyisiwe Nguye Opezulu
Ngaye u Adamu sibe silahliwe
Kodwa ke ngo Yesu namhla sincediwe

Yizani ke namhla yizani kwa nonke
Musan' ukoyika simenywa kwa sonke
Zulu, Mxosa, Msutu nawe Tye lase Mb'o
Bonke bayafana akunandzwe zimb'o.

Uti u Hosanna ningeza nambelwe
Kumenywa izizwe akuko walelwe
Isidlo so Sana sise silungile
Yizani kaloku sisidle sipile.

Yizani bapulwa bunzima betyala
Mahlwempu, milwelwe, zimfama, ziqwala
Yizani nipumle badungudeleyo
Yizani nibukwe ngu Yesu okoyo.

Nesihogo masidane sipelele.
Inkwenkwezi ipumlle ix'obile
Engu Yesu mnoneleni mzukiseni
Ngentliziyo namaculo mdumiseni.

Nike nicule nengoma yokuncoma
Zihlokome nentambula zidudума
Nize nimbone ngamehlo nange nkolo
Nimangaliswe nigqaqe nangedolo.

Vuyani uzelwe u Krestu Inkosi
Ze ngaye zivuke nezetu inkosi
Hosanna ko nomnqwazi ngapezulu
Gqumani Ngelose ntsiba zilubhelu.

Iramncwa elinxakame ngo Septemba
Lisandlalela ngezidumbu zabantu
Bembe kwapela baya kweyake indlu
Namhla zinyembezi kwezetu izindlu.

Ngubani ofana ukwaz' ubukulu
Bunawe nje Menzi womhlaba nezulu
Bunawe owenz' inkwenkwezi nenyanga
Bunawe owenz' imini nelanga.

Kukade kakulu umhlab' udaliwe
Kukade kakulu nabantu benziwe
Inene kukade ngakumbi kakulu
Ehleli no Menzi womhlaba nezulu.

Ngesiba namhlanje singaboyikayo
N z' ezisimanga esizi bonayo
Zibika kubantu udumo lo mdali
Ziti u Tixo masinga mlibali.

Hosanna!!!